Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2018

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-25.**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Umkhosi wemidaka' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Umyolelo wexhego' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Intliziyo yam' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Ithemba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5. 'Iminwe' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 23 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 23 |

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**UMKHOSI WEMIDAKA – SEK Mqhayi**

Aye phi na!
Ayephi na!
**Aye phi n' awakowethu?**
**Zemk' iinkomo magwalandini!**
**Sipheth' iintonga zobugqi!**
**Zitsho shushu ezasemoyeni,**
**Zinemililo nemibane,**
Ziduduma zigqekreza
Midondosholo ye-Afrika,
SingamaBhritani thina,

Phindela kwakhona**!**
Phindela kwakhona**!**
**Biz' amagorh' ezilalini**
**Biz' amagorh' ezilokishini;**
Bangasali ngemv' abeBhulasi
Ing' amadod' afikile.
**Ivunywa ngekrwana nentshuntshe**
**Ivunywa ngekhaka negazi.**
SingamaBhritani thina,
Ngenene singamaBhritani!
..................................................

Phicotha intsingiselo yemiqolo ebhalwe ngqindilili ngokwenjongo yembongi ekukukhuthaza.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMYOLELO WEXHEGO – C Nqakula**

Nyana wam namhla ndiyakushiya,
Apho akhoyo unyoko nam sendiya;
Ndikushiya emhlabeni nezi ntsikelelo,
Ukuze nawe wambeswe ngamathamsanqa empumelelo.

Selikufuphi ilixa, ke ngoko mamela:
Phulaphula nyana wam, phulaphula Xhamela,
Ukuze ilizwe lingakuhambisi ze,
Koko kwakwabelwana ngalo nawe uzuze.

Phulaphula qobo lwesi sizalo,
Ukuze ndakumka wenze njalo
Ukuwazalisekisa amazwi ale milebe yam;
Phulaphula ngenyameko, nyana wam.

Wena uphakathi kwabantu abaya kwamkela
Ukuba uya kusoloko nawe ubamamela.
Ngephanyazo uya kuzibona unenkumbula yabazali;
Xa ndisitsho, nyana wam andidlali.
..........................................................

Z'ungemi ezimbobeni ubethe imilozi
'Z'ungabiyongcuka iqwengayo, ungabi lulo nokhozi.
Nyana wam, 'zube ngumkhonzi onyanisekileyo.
Ohlakaniphileyo, othobileyo, intsika ethembekileyo.

2.1 Chaza injongo yokusetyenziswa kwemvano siphelo kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

2.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-7 nowesi-8. (2)

2.3 Xela isafobe esigqamileyo kumqolo we-18 wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

2.4 Nika umongo walo mbongo. (2)

2.5 Unjani umoya weli xhego kumbongo uwonke? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTLIZIYO YAM – C Nqakula**

Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo.
Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo
Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

Intliziyo yam lusindiso lwam;
Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
Kanti nakwezingendawo iyandisa.

Mandiyithini ke le ntliziyo,
Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

3.1 Chaza injongo yokusetyenziswa kwemvano siphelo kumqolo wesi-2 nowesi-3. (2)

3.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-4 nowesi-5. (2)

3.3 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-14 wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

3.4 Nika umongo walo mbongo. (2)

3.5 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ITHEMBA – SEK Mqhayi**

Singenzani n'emhlabeni,
Sizuzeni n'elizweni,
Xa singenalo ithemba,
Intsusa yokusebenza?

Singakwenza n'ukulima,
Sikuyeke ukulila,
Singayifuya n'imfuyo,
Xa ithemba lingekhoyo!
……………………………….
Makafundiswe ithemba,
Aphakanyiswe lithemba,
Limhambisele phambili,
Limngenise ezulwini.

Le nt'ithemba iyinzulu,
Kwezomhlaba kwezezulu;
Ongenathemba ufile;-
Siph'ithemba ze siphile.

ÉcoleBooks

4.1 Chaza injongo yokusetyenziswa kwemvano siphelo kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

4.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-7 nowesi-8. (2)

4.3 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-15 wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

4.4 Nika umongo walo mbongo. (2)

4.5 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

### UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMINWE – IK Nqonqoza**

Yomihlanu iqingqiwe ngoPhezulu,
Ngamnye unomsebenzi wawo.
Ubungakanani bawo buxel' into,
Indawo omiliselwe kuyo kukwanjalo
Wakuphulukana nomnye kuba nzima,
Umsebenzi ungabi njengakuqala.
I-Afrika iyakufuna nobungakanani bakho!
Masifunde Bantu endalweni,
Sibamb' umanyan' oluqilima,
Ingulow' umnt' abamb' eyakh' indawo,
Sisengele sonk' ethungen' elinye,
Koba nzima kwakusilel' omnye,
Kungafikwa apho kuyiwa khona.
Masibumbane **okweminwe** sakhe iAfrika!

5.1 Tyhila intsingiselo yomqolo woku-1 nowesi-2. (2)

EcoleBooks

5.2 Yiyiphi imvakalelo evuselelwa yimbongi kumqolo wesi-5 nowesi-6? (2)

5.3 Chaza umsebenzi wophawu loshiyelelo kumqolo we-9 ukuya kowe-11. (2)

5.4 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

5.5 Cacisa okuphuhliswa sisafobe esibhalwe ngqindilili esikumqolo we-14. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Umzingisi akanashwa. Ngqina lo mxholo ngeziganeko ezingqonge uMfezeko kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Kufuneka ndicele imali kuye yonke le mihla yeNkosi. 'Ndakuyithwala kube nini into yokukhongozwa imadlana ngathi ndingumntwana wesikolo? Uyabona ke lo yena aza kumthatha, ngokuqinisekileyo aza kubhaliswa ngegama lakhe la mashishini. Mna ndiza kuba sisithunzela sakhe,' watsho uThantaswa efixiza eyeke nokutya. 'Nyamezela Thanti, kuza kulunga,' waphosa elo uMfuneko ecaphukela nje ukungathethi. 'Ndinyamezele ukungcungcuthekiswa ndijongile! Nakanye! **Ukuba uMsindisi angafa ayisayi kuba khona into yesithembu kwaye ndingatsho ndibe ngumfazi okhululekileyo ezimbandezelweni zomhlaba nonemali eyeyakhe yedwa,'** wagqabhuka okwethumba watsho uThantaswa. Wathi qwa intloko kancinci uMfuneko akuthetha loo mazwi uThantaswa. Wamjonga ntshoo emehlweni. Wathi akucinga ngemali angayifumana yena Mfuneko xa uThantaswa adla ilifa lomyeni wakhe, waziva efikelwa ngusathana naye. 'Phofu ke Thanti, bangaphi abafazi abancinda ibhotolo emva kokufumana amafa abayeni babo?'

> 'Inene ndiza kukhe ndizame icebo nokuba linjani na elingenza ukuba ndifumane lonke ilifa likaMsindisi engekamthathi lo mfazanyana wakhe. Ukumthanda kona andisamthandi. Naba ooMpumi bethe gcobho emashishinini abo, abadingi nto,' watsho esithi qhuzu qhuzu ehleka uThantaswa. 'Abadingi nto?' wabuza buphoxa uMfuneko. 'Badinga ntoni ke?' wabuza ebumangala uThantaswa. 'Bading'amadoda,' watsho ehleka uMfuneko. 'Ukufumana indoda yinto elula leyo, nendingayifumana kungaphelanga nomzuzu omnye. Nanku noMpumi nangoku akadingi ndoda nangona eyakhe yaswelekayo nje,' waqhayisa ngelo uThantaswa.

7.1 Nika isizathu esibangela ukuba kufuneke uThantaswa acele imali kuMsindisi yonke imihla. (2)

7.2 Amtyhila njengomlinganiswa onjani uThantaswa la mazwi abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

7.3 Cacisa ifuthe lomxholwana wokuthanda imali kumxholo wale noveli. (2)

7.4 Xela ukuba isikrobisa kwesiphi isiganeko esiseza kuhla ebalini le ncoko ingoMpumi kwesi sicatshulwa. (2)

7.5 Chaza ukuba unxulumano olwaluphakathi kukaMsindisi noSiziwe lwakuchaphazela njani ukufa kukaMsindisi. (2)

7.6 Ingaba ayalingana amandla kaMfezeko nakaMfuneko kule noveli? Xhasa impendulo yakho ngeengongoma eziMBINI. (2)

EcoleBooks

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

> 'Andinakuzibulala ndodwa, ndikushiye ngasemva usidla amazimba,' watsho uThantaswa elungisa indawo yeembumbulu, efaka umnwe wakhe kuyo. Kukhale unomyayi wakhe ngelo thuba kanye. Akawuhoyanga, wawujonga nje uhlahlamba phezu kwebhedi emva koMfuneko. Yayingumama wakhe lowo efuna ukuthetha naye shushu malunga nale ngcinga yakhe yokuzibulala. Ukhale ebuyelela unomyayi kodwa intoni na, uThantaswa wabe ezixelela ukuthi ukuba uyakwazi ukufikelela kwelemimoya unomyayi, uya kuwuphendula akufika kwelo zwe kungayi lubuyayo kulo. Wathi akumjonga uMfuneko owayesamangalisekile ukuba kuqhubeka ntoni na, wafika ebebezelisa umlomo, iinyembezi ziphokoka emehlweni macala omabini. Wayengaqhwanyazi emjonge ntshoo, engundiyalwa nje wonke, iinwele zimile nkqo okweentsiba zencanda elwa nezinja. Nangona uMfuneko wayekuqeqeshelwe nje ukubamba umntu ophethe umkhono wekati, ngaloo mzuzu wasuka waliqhitala. Wayekhohlwe okwenja imi nenkovu. 'Thanti, Thanti, khawume kancinci, sithandwa sam! Beka lo mpu phantsi, sithethe kuqala phambi kokuba sife,' wacenga ephelelwe licebo uMfuneko. Wayeduduzela kukoyika, ecinga ngobuhlungu bokufa ngokudutyulwa. 'Mfuneko, ubutyebi ebesizithembise ngabo bumke namanzi. Into eshiyekileyo ngoku inye, kukubhadla ejele ubomi bethu bonke,' watsho umpu ewubambe ngezandla zozibini ewukhombe kuMfuneko. 'Khawume kancinci kaloku, Thanti! Yonke le nto iza kulunga! Asizokuya entolongweni,' watsho engcucalaza phezu kwebhedi uMfuneko, iliso lakhe libona intunjana emnyama yeembumbulu ijonge kuye okweliso lekhamera. 'Amathunzi obumnyama awile.'



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


7.7 Caphula amazwi kwesi sicatshulwa anika intsingiselo yokuba isigqibo sokufa uThantaswa usithathele yena noMfuneko. (2)

7.8 Tyhila isigqebelo esikwisenzo sikaMfuneko esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

7.9 Chaza ukuba amathunzi obumnyama angumqondiso wantoni. Xhasa impendulo yakho ngokwaqhubeka kule noveli. (3)

7.10 Ngqina ngezizathu EZIBINI ezikwesi sicatshulwa ukuba eli bali liqhubeka kwixesha lale mihla. (2)

7.11 Xela udidi lwale noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

ÉcoleBooks

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Thamsanqa**

Umzingisi akanashwa. Ngqina lo mxholo ngeziganeko ezingqonge uThole (Mangaliso) kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

'Mayela nokuba ukweli xabiso ukulo. Qonda le nto Mangaliso mfo wam, ndandizimisele ukuba ufunde, ndinethemba elikhulu ngawe lokuba kothi kuzezi mini ube uyinto ebomini, walala ke elo thamsanqa wasibaleka isikolo, lawa phantsi ke ithemba lam namabhongo am ngawe ndaba ngodanileyo. Oko ndingazanga ndife mfo wam ukumka kwakho ngenene le nto ingumntu ayifi kukuhliwa yinto embi. Kulungile ke akusenani igqithile, masiyithathe ngokuba imfundo ibingelulo ubizo lwakho ebomini, sikhangele kumgca ongezantsi. Ungaka ngoku, ke ndithanda ukuqonda ukuba ujonge phi na?'

'Andikulandeli bawo, lityebise,' watsho uThole exoka eyiva intsingiselo yentetho kaFikizolo.

'Xa ithemba lam liwile ngasemfundweni mfo wam bendinqwena ukuba ufune umfazi, ndithi ndisifa ube unendawo yakho.'

'Musa ukuqala ulilahle ithemba bawo. Ngakwicala lomfazi ndifuna ukucela uxolo kuwe bendingekabi nanjongo, nto ndizimisele kuyo kukufeza umnqweno wakho ndiphindele esikolweni.'

Amothusa la mazwi uFikizolo, akazi nokuba makavuye okanye nokuba makathini na, akakholwa nokuba unyanisile na nokuba uyambhanxa, 'Uthini na ngoku Mangaliso?'

'Ndithi ndizimisele ukuphindela esikolweni bawo.'

'Uyinyanisile le nto uyithethayo?'

'Ndiyinyanisile bawo.'

'Njengokuba unyaka sowuphelile nje ucinga ukuba indawo uya kuyifumana phi? Khona ingathi sowumdala nje ucinga ukuba wobasafunda into eyiyo?'

9.1 Nika isizathu sale ncoko kaFikizolo noThole ngale mini. (2)

9.2 'Musa ukuqala ulilahle ithemba bawo.'

Ingaba amtyhila njengomlinganiswa onjani uMangaliso la mazwi angentla? Xhasa impendulo yakho. (3)

9.3 Cacisa ifuthe lomxholwana wokufunda sele umdala kumxholo wale noveli. (2)

9.4 Xela ukuba isikrobisa kwesiphi isiganeko esiseza kuhla ebalini le ncoko ikwesi sicatshulwa. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



9.5 Chaza ukuba unxulumano olwaluphakathi kukaThole nooThemba lwayichaphazela njani impumelelo kaThole eya ebufundisini. (2)

9.6 Ingaba ayalingana amandla kaThole nawemingeni awahlangana nayo kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

Wathi ukuqwela wayihombisa intshumayelo yakhe ngokwenza ibali ngethemba, ebalisa ngomfo wasemaXhoseni ekwakuthiwa nguZenzile igama. Umfo owashiywa ngumfazi wakhe nomntwana awayemthanda kakhulu ngokutshiselwa nendlu. Wathi ukuba athethe ngomfazi nomntwana owehlukana noyise lazibaza iindlebe ixhego lasemaKwayini libindekile, lizibambe ngeenkophe iinyembezi livukelwe ziinkumbulo. Laqhuba ibali ekuchaza ukukhathazeka kukaZenzile ngenxa yokutsha kukaJujuju unyana wakhe nonina kungabonakali nethambo babe luthuthu awathi ekuloo ntlungu waza wadibana nomfundisi uSoga waseRhabe wamthuthuzela embeka ethembeni lokuba kusenokwenzeka ukuba unyana wakhe nomfazi wakhe basaphila. Okunene ebudaleni bakhe uZenzile wabona ngonyana wakhe uJujuju selesithi gaxa nonina seleyindoda. 'Linjalo ke ithemba. Ukuba uZenzile wayephelelwe lithemba ngewasuka wazibulala. Kodwa ngenxa yethemba, waphila wada wambona unyana wakhe nomkakhe besaphila.'

Wathi xa akuloo mazwi umfundisi lasothula isikhalo ixhego lasemaKwayini lidanduluka lisithi, 'Yho-o-o! Ingaba ingenzeka na into yokuba umntwana wam nonina basaphila na?' latsho ngesikrakra isililo esasinganyamezeleki ezindlebeni zabantu, esatsho wonke umntu waphazamiseka.
Batsiba abantu balibamba, belibambile njalo kwacaca ukuba liyayoba liyaphela. Lathwalwa lakhutshwa phandle, wabayalela ababelithwele umkamfundisi ukuba balise kuloo ndlu yemishini babehlala kuyo. Apho wafika waliphatha-phatha ngolwazi lwakhe, njengomongikazi, walilalisa.
Emva kweso sikhalo ayizanga ibe saqhubela phambili inkonzo, kwacaca ukuba mayiphume.

9.7 Caphula intetho kwimigca yesi-4 ukuya kowesi-6 enika intsingiselo yokuba uMkwayi wayevakalelwa kabuhlungu. (2)

9.8 Tyhila isigqebelo esikwisenzo sikaThole sokuba ligqirha eKnysna. (2)

9.9 Chaza ukuba eli phupha lidala likaZanenkanyamba oligqirha awayeliphupha rhoqo uMkwayi kwathi kanti lingumqondiso wantoni. Xhasa impendulo yakho ngokwaqhubeka kule noveli. (3)

9.10 Ngqina ngezizathu EZIBINI ezikwesi sicatshulwa ukuba eli bali liqhubeka kwixesha lale mihla. (2)

9.11 Xela udidi lwale noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

Umzingisi akanashwa. Ngqina lo mxholo ngeziganeko ezingqonge uMfazwe kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

### *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

Kusasa ngaloo mini ndeva ndingabuzanga ngegwangqa elalize kuthabatha iinkcukacha esiseleni sam ukuba 'obesenza isimbonono sokukhumbula unina ngephezolo, uzixhome ngomlenze webhrukhwe lahlanza iselwa. 'Ndibuze bungxamo ndikhondoza ndifuna ukuqonda ukuba belwenzeni na olo sizana, yathi impendulo 'ngumntu obecinga ukuba unolwazi oluninzi.' Ngesibindi endingasaziyo ukuba ndandisithatha phi na, ndathi ndakuthi uyaxoka ubulewe ngokubethwa ngamapolisa, lathi igwangqa lingandijonganga, 'nguwe olandelayo', ndashiyeka ndithe nkamalala, ndikhamisile. Eso simo seli polisa sandicingisa nzulu, ndatsho ndakhumbula amazwi eqobokazana endandichithe nalo imva kwemini engaphambili kwale yokubanjwa. Akukho nto ndandingayincokoli noNokuzola, ingakumbi ubomi bam baseyunivesithi njengokuba yena engazange aye nje. Kaloku yena umfokazi lo wayesebenza njengomongikazi kuloo dolophu yethu iBholo. Wayedla ngokuyiphulaphula ngomdla yonke intshwaqane yam, kodwa kuthi kwakufika kwezopolitiko athi, 'ungaleqi endala uba lithole, **umzabalazo kudala wabakho, kwaye uhamba ushiya izigede neengxwelerha endleleni**, ungabi lelinye lamaxhoba ke mfo.' Lathi xa lisithi ndim olandelayo igwangqa, ndamcinga uZo, intokazi efanelwe ngumhlantla wayo ongaphambili, ibunzi elityhilekileyo, amehlo athe qabavu, intombi ekumila kunomfaneleko emzimba usakhulayo. Xa sizincokolela sonwabile, wayedla ngokuthi akanakuze yena abe nomyeni ongunotrongo, kuba ngokokubona kwakhe indlela yam yayisiya apho, ndibe mna ndiqinisekile ukuba udlala nje ngokuthetha, ...

11.1 Nika isizathu sokuba uMfazwe abe sesiseleni. (2)

11.2 '… ndathi ndakuthi uyaxoka ubulewe ngokubethwa ngamapolisa, …'

Ingaba amtyhila njengomlinganiswa onjani uMfazwe la mazwi angentla? Xhasa impendulo yakho. (3)

11.3 Cacisa ukuba lo mxholwana wokuthandana kukaNokuzola noMfazwe ube nafuthe lini kumxholo wale noveli. (2)

11.4 Xela ukuba isikrobisa kwesiphi isiganeko esiseza kuhla ebalini le ntetho ibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



11.5 Chaza ukuba unxulumano olwaluphakathi kukaMfazwe nomfundisi uHlathi lwayichaphazela njani impumelelo kaMfazwe. (2)

11.6 Ingaba ayalingana amandla kaMfazwe nawamapolisa engcinezelo kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

'Ndingumzingeli mna. Ndibamba ndibambise ezi mbila uzibonayo. Ndayeka kudala ukubamba iinyamakazi ezifana nawe lo. Kanti ke ukuba ulisela, andizi kukusindisa nawe,' kwathi gogololo akuthetha ngolu hlobo lo mzingeli, ndakhuthazeka.
'Hayi andilosela, ndiyabhaca, ndizama ukuwelela kweliya laBathwa ngezobupolitika ke phofu.'
'Ndikubone usathi gqi kweliya qolo ukuba uyaqhwesha. Ndimangaliswe nje yile ndlela uyithabathayo. Okoko uthe gqi kweliya qolo, ndikubukele, uhamba kanye okomntu ozimelayo. Kubantu abadla ngokuqhwesha eThongo ungowokuqala okhe wahamba ngale ntaba. Bonke basuke bayokubanjwa phaya edolophini ngamapolisa. Inengozi ke le ndawo uze kuyo. Le ntaba yindawo yamarhamncwa, iinyoka ezinobuhlungu, izigcawu, oonomadudwana noonomanxazane, kwakunye ke nabazingeli abanoburhalarhume. Kaloku siyayibisa le nto yokuzingela. Ukuba ndingafunyanwa, ndingabulawelwa apha ngala mabhulu,' ndayimamela indoda ithetha ijonge kweziya zandla zayo, imana ukundithi tshawu nje kube kanye, ibuye ijonge phesheya. Ndathi bendichophile, ndahlala ngeempundu.
'Ndiyakholwa ukuba ukhaliphile, kodwa ke ukuba uva ngam, amakhalipha afa kuqala emfazweni. Andikwazi ukuba usuka phi na, ndingafuni nokuyazi loo nto kunjalo nje. Abukhali amapolisa alapha, ukuba usindile uze undishunqule lo mnwe wam.' Watsho lo mfo endikhombisa into exwebileyo yocikicane.
'Ndingasinda njani? Ndabuza ndicuthe amehlo, ndingenwa lixhala elibangwa yile ncoko.'

11.7 Caphula intetho kwimigca yesi-6 ukuya kowe-9 enika intsingiselo yokuba uMfazwe wayebhaca. (2)

11.8 Tyhila isigqebelo esivezwa kukuba uFriday ambone njengempimpi uMfazwe. (2)

11.9 Le ntaba yindawo yamarhamncwa, iinyoka ezinobuhlungu, izigcawu, oonomadudwana noonomanxazane, kwakunye ke nabazingeli abanoburhalarhume.

Chaza ukuba ezi zilwanyana zikhankanywe kulo mgca ungentla zingumqondiso wantoni. Xhasa impendulo yakho ngokwaqhubeka kule noveli. (3)

11.10 Ngqina ngezizathu EZIBINI ezikwesi sicatshulwa ukuba eli bali liqhubeka kwixesha lengcinezelo. (2)

11.11 Xela udidi lwale noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**OKANYE**

## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Xoxa ngendima edlalwa ngumbalisi okanye imbongi usebenzisa umongo wentsomi ethi, Intsomi yeenyamakazana kunye nowesibongo esithi, Intaba kaNdoda-Intaba yodumo YamaRharhabe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**UKUTHETHA UNONGQAWUSE**

Wafika uNongqawuse emlanjeni. Wathi xa aza kukha wabona aba bantu emanzini. Njengomprofethi, wacinga ukuba ubona izinyanya. Wacamagusha enqula ethethela phezulu kwaye kungekho nto ayishiyayo. Wayephatha kuguqa ngamadolo, axhentse esombela, ahlasimle kuvakale isandi esitsho kunge kunyikima umhlaba. Emva koko wathula wee cwaka, wavakala esithi, 'Ndimile ke ngoku ndilindele kuni bantu abadala.' Intoni! Wayesitsho koobani! Baqalisa abeLungu sebeqonda ukuba ithuba lelabo kwaye kufuneka xa bewubeka umcimbi bangaphosi nanye into aza kuyikholelwa uNongqawuse. Kwakuthetha omnye emva komnye.

Zathetha izinyanya (ngeli lakhe) zimxelela ukuba makathini na ebantwini. Wamamela ngomonde uNongqawuse. Sithini isiprofetho? AmaXhosa aza kuba zizityebi, akukho namnye oya kuhlupheka. Iza kuba yindyebo kwisizwe samaGcaleka. Obu butyebi buza kunwenwela kulo lonke eli lizwe laseMzantsi-Afrika. Izisele ziza kuzala zizangcozi namahasa. Iintungo ziza kuzala iziswenye. Inyama namasi ziza kudlala abantwana. Izityalo ziza kuzalisa umhlaba kungabikho nendawo yokuhamba. Iinkosi ziza kuphatha zilawule ngolonwabo.Yonke le nto iza kuzenzekela kungakhange kusetyenzwe kubilwe. Njengokuba nilima nibile ukuze nitye, siyaliphelisa elo xesha.Niza kulala nivuke lihlabe umhlaba ilanga, nipheke oko sekukho ukutya nizibethe zibe bomvu izisu zenu.

Into esikhathazayo neyona isenza umsindo ngaba siswana-sibomvana bangamaBhulu basuka eYurophu bazokusihlutha umhlaba wethu. Siyijonge sayijonga le nto sanomsindo! Kuza kufika imvula enkulu ibadudule bonke abeLungu bayokutshona elwandle. Abantu abasayi kuguga kwaye abasayi kugula. Le nto ayizi kusuka izenzekele, kufuneka nibile okokugqibela, emva koko nakonwaba umlibe. Kufuneka nenze ntoni ke ngoko: ukuze kuzaliseke esi siprofetho, bonke abantu mababulale zonke iinkomo zabo, nayo yonke imfuyo, batshise zonke izityalo nembewu yazo. Akusayi kuphinda kubekho obu bukhoboka bokubila kangaka phambi kokuba kutyiwe. Yakuba yenziwe le ndyikityha yokufa kwemfuyo maze abantu bajonge empumalanga iintsuku ezintathu bangayeki. Emva kweentsuku ezintathu baya kuyibona indyebo isiza ivela empumalanga.UNongqawuse washiya loo emele kuloo mlambo uMbhashe waleqa enkosini.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



13.1 Nika indlela ezifana ngayo intsomi nembali. (1)

13.2 Wacamagusha enqula ethethela phezulu kwaye kungekho nto ayishiyayo.

Ingaba simtyhila njengomlinganiswa onjani uNongqawuse esi sivakalisi singentla? Xhasa impendulo yakho. (3)

13.3 Tyhila isigqebelo esikwesi siprofeto sale ntsomi. (2)

13.4 Kuza kufika imvula enkulu ibadudule bonke.

Chaza ukuba imvula enkulu ingumqondiso wantoni kule ntetho ingentla. Xhasa impendulo yakho ngokwaqhubeka kule ntsomi. (2)

13.5 Xela udidi lwale ntsomi. Xhasa impendulo yakho. (3)

13.6 Nika isaci esavelayo ngoNongqawuse, unike nentsingiselo yaso. (2)

13.7 Ngqina ngezizathu EZIBINI ezikwesi sicatshulwa ukuba esi siganeko saqhubeka kwixesha lamandulo. (2)

**ISICATSHULWA H**

**USILIMELA – INYANGA YOKUBALA IMINYAKA YOBUDODA**

A! Silimela
**AmaNdlamb'amatsha!**
Hay**'amaNdlamb'amatsha!**
Hay**'amaNdlamb'amatsha**!
Inkos'am ngumtakaNdluzodaka,
Yindod'ezalwa ngabantwana ababini:
Izalwa nguMakinana noNopasi.
UNopasi yintombi kaMon'umhlophe kaNtshunqe,
Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana,
NguLuhad'igama lakhe,
Umbambo zemka zabuyelela:
Ngaphantsi kwelitye kuyoyikeka,
Kuba zilaph'iinzwana namadikazi.

Kulapho yaqala khon' ukugagana.
Yatshay'impampile yasemLungwini;
Yatshay'impampile yasemaXhoseni.
Yaw'imikhuthukan'amacal'omabini.
Yarhox'ekaNtsasana yasinga kwaseQumrha.
Wee tyuu uNdluzodaka
Waya kutsho kuNdada kooVece kuXesimagqagala.

13.8 Nika intsingiselo eziswa luphindaphindo kwimiqolo ebhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

13.9 Chaza injongo yokusetyenziswa koxwesiso kumqolo wesi-7 ukuya kowe-9. (2)

13.10 Khankanya iimpawu zibeMBINI zesibongo ezikulo mhobe. (2)

13.11 Xela umfanekiso-ngqondweni otyhilwa ngumqolo we-19 kwesi sicatshulwa, wandule ukuchaza ukuba uphuhlisa ntoni. (2)

13.12 Nika umxholo walo bongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 15.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa umviwa ekhetha umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Bonisa indlela iziganeko eziyikhulise ngayo impixano kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

ÉcoleBooks

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Akundifunzi ekubeni wena uzigwebile wathi andintanga yakufunzwa? |
| UZWILAKHE: | Mfana wam ndimdala, ndimdala nje andizanga ndaxoka. Ndingazanga ndaxoka nje andizanga ndaba yiyo le nto kuthiwa liwexuwexu, nto ethetha apha, ithethe phaya.Musa ukufuna ukundenza loo nto ngoku ndigugayo. **Ukuba ndiyajika ngoku kule nto ndoba ndizenza ixoki newexuwexu.** |
| UGUGULETHU: | Ixoki lona sowuzenze lona Rhadebe ngokuthi andintanga yakufunzwa utsho undimele ngecephe undifunza. Uyabona ke mandikuphe le nyaniso. Nosana olu sewulufunza, ukuba ukutya alukufuni, alukufuni. Woda usuke ulukakaze, lukuginye nzima lujambalaza lungenakunceda kuba lusoyiswa ngamandla. Womana uluvingca iimpumlo ulufuthanisela usithini, lungenakunceda. Kanti ke yingozi leyo kuba usana losuka lurhaxwe, ukutya kuhle ngandlela zimbi kuba alukuginyi ngakuthanda. Kuza kuba njalo ke apha kum. Ndithe andiyifuni nje laa ntombi andiyifuni, ndaye andisayi kuze ndiphinde ndithi ndiyayifuna. Ungayithatha ke ngokubona kwakho, kodwa akuyithatheli uGugulethu, uGugulethu yena uza kubuye umthathele owakhe umfazi amthandayo. |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



| | |
|---|---|
| UMTHETHO: | Uxolo mfo wethu khendisabele apha kuwe. Uthi akufuni kuzenza ixoki ngokungathi ungumntu lo os'elezimanye ngentetho ethile komnye umntu. |
| UZWILAKHE: | Mawethu andikho kuyo yonke le njikeleza yokube ndixoxa. Ndithe umfana makazekelwe intombi kaMcothama. Ndigqibile ke, masithethe kuloo mihlaba ke ngoku. |
| UNYANISO: | Utsho ke uyihlo mfana, ungaba unento oyiphikisayo? |

15.1 Tyhila indima edlalwe koku 'kufunza' kwisiphelo sikaZwilakhe kweli bali. (2)

15.2 Nika ingcinga evuselelwa ngamazwi kaZwilakhe abhalwe ngqindilili. (2)

15.3 Cacisa ukuba oku kuxabisa isiko ngaphezu kothando kukaZwilakhe kuyiphembelele njani impixano kule drama. (2)

15.4 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

15.5 Loluphi udidi lomlinganiswa uMthetho? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.6 Ngokoluvo lwakho chaza ukuba umxholo wale drama ukulungele na ukufundwa kule mihla. Xhasa impendulo yakho. (2)

KUNYE

EcoleBooks

**ISICATSHULWA J**

*(UMCUNUKELWA ufika ekhaya abike udaba lokwaliwa kwakhe,ayalele ukuba makuphuthunywe iinkomo kwaLANGENI. Kubizwa ooyisekazi bakaMCUNUKELWA kuxoxwe le ndaba. Ooyisekazi nguMRHAJI, uMSIKELWA, uMCHITHWA noQAVILE uyise kaMCUNUKELWA izinto zikaDUMALITSHONA.)*

| | |
|---|---|
| UMCUNUKELWA: | Bawo, intombi kaLangeni iyandala. |
| UQAVILE: | Uthini na Mcunukelwa? |
| UMCUNUKELWA: | Ndithi intombi kaLangeni iyandala. |
| UQAVILE: | Awu! Ithi yintoni isizathu? |
| UMCUNUKELWA: | Ithi ayizanga yandithanda. |
| UQAVILE: | Kuphela kwento eyithethayo leyo? |
| UMCUNUKELWA: | Ayixeli yimbi. |
| UQAVILE: | Iyaxoka ikhona into. |
| UMCUNUKELWA: | Asazi ke. |
| UQAVILE: | Ke kuza kuthiwani? |
| UMCUNUKELWA: | Andiboni nto yimbi ngaphandle kokuba kuphuthunywe iinkomo. |
| UQAVILE: | Uyixelele ke phofu ukuba iinkomo ezo kufuneka zibuyile? |
| UMCUNUKELWA: | Yiyona nto ibindibizela yona kaloku leyo. |
| UQAVILE: | Hayi akukho nto mfo wam, ziinto zakhona ezo. **Ukufa kwebhokhwe uyiseza asinto inokuncedwa sithi leyo.** Biza uMrhaji noMsikelwa noMchithwa beze apha ngoku. *(Bafikile)* |

| | |
|---|---|
| UMRHAJI: | Kutheni mfo kabawo wasibizela ebuhlanti xa litshonayo ilanga, kukho egulayo na? |
| UQAVILE: | Hayi mfo kabawo akukho igulayo, nto nje kukho mcimbi wumbi ndifuna ukunazisa wona. |
| UMRHAJI: | Kwek! Ndothukile mfondini. Kaloku ithi ingca yakuba nje ukuba luhlaza iinkomo zingemi kakuhle. |
| UQAVILE: | Nantsi le ndawo mawethu, phofu ningaxhalabi akukho nto imbi. Apha ndibona kufika umfana lo ebika udaba lokuba uyaliwa yintombi kaLangeni, ithi makalande iinkomo zakhe. Phofu ke mna loo nto ndiyothuke ndingayothuki njengoko kakade le ndlu ibisekwa sithi bazali kucaca ukuba intombi iqhawula iintambo. |

15.7 Nika iimpawu zedrama EZIMBINI ezifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

15.8 Xela intsingiselo evezwa ngamazwi kaQavile abhalwe ngqindilili. (2)

15.9 Phawula ngokulunga okanye ukungalungi kwesenzo sikaNomaMpondomise sokukhupha iinkomo zikaMcunukelwa. (2)

15.10 Chaza isimo sentlalo esityhilwa kwesi sicatshulwa. (2)

15.11 Khankanya isiganeko esilandela emva kwale ndibano yooNozulu. (2)

15.12 Xela ukuba adiza luphi uvakalelo amazwi kaMcunukelwa akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)
**[25]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### *INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati

Bonisa indlela iziganeko eziyikhulise ngayo impixano kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

### *INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | Ngendikuva ngcono kodwa mama ukuba ubusithi: nkqi kona ukufuna umsebenzi. Kaloku ndingayenza yonke into, kodwa andingekhe ndiziqeshe. |
| MAMQHINEBE: | Kakade Siqhiwu, uthi aba mabhalane baqeshayo kule nto yale joyini yenu, abafuni kwenzelwa nto mhlawumbi? |
| SIQHIWU: | Andazi. Ndaye andifuni nokwazi nokuba bayayifuna na okanye hayi, kuba apha kuSiqhiwu abasayi kuze bayifumane nokuba bangade bayifune ngamehlo abomvu. |
| MAMQHINEBE: | Uthini na ngoku Siqhiwu kum'apha? |
| SIQHIWU: | **Soze! Ndinyobe umntu, ndimnyobela amandla nengqondo yam! Yilibale leyo into yona Qhinebe.** |
| MAMQHINEBE: | Hayi ke ngoku ndiza kungakuqondi nokuba akuphungulekanga na. |
| SIQHIWU: | Xa ndiphungulwa yintoni? |
| MAMQHINEBE: | Xa abanye abantu bewufumana umsebenzi ngokunyoba, yintoni enokubangela ukuba wena unganyobi? |
| SIQHIWU: | Khumbula mama ukuba wandifundisa kabuhlungu, ubopha amabande. Ngoku uza kuphinda ubophe amabande, uzama iimali zokunyoba umsebenzi? |
| MAMQHINEBE: | Ewe tyhini! Abanye abantu aba beyenza nje loo nto, kungokuba mna ndiza kungayenzi kuba ndiqatywe ntoni? |
| SIQHIWU: | Hayi mama, ndicela siyiyeke le ngxoxo, kuba eyokunyoba yona into, andisayi kuze ndiyenze naphakade. Amen. |
| MAMQHINEBE: | Into enzima ke yile yokuba undiqweqwedisele ekubeni siyiyeke le ngxoxo, ndibe mna ndingekacacelwa ukuba yintoni kanye le ungayifuniyo ekunyobeni apha. |
| SIQHIWU: | Ukuba awukacacelwa ngoku, awusayi kuze uphinde ucacelwe. |
| MAMQHINEBE: | Kha uthethe into ndiyive Siqhiwu torho. |
| SIQHIWU: | Utheth'ukuba mama awazi ukuba umntu okuqeshileyo nguye okuxhaphazayo? |

17.1 '... abafuni kwenzelwa nto mhlawumbi?'

Tyhila indima edlalwe yile 'nto' kuthethwa ngayo kwisiphelo sikaMaqhikizane kweli bali. (2)

17.2 Nika ingcinga evuselelwa ngamazwi asisifungo abhalwe ngqindilili kwintetho kaSiqhiwu kwesi sicatshulwa. (2)

17.3 Cacisa ukuba ukuxabisa isinyobo ngaphezu kokuyisebenzela into kuyiphembelele njani impixano phakathi koSiqhiwu noMaqhikizane kule drama. (2)

17.4 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho? (3)

17.5 Loluphi udidi lomlinganiswa uMalunyawana? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.6 Ngokoluvo lwakho chaza ukuba umxholo wale drama ukulungele na ukufundwa kule mihla. Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Ukuba siyamkeleka *daddy,* ndiza kuwufumana ngoko nangoko umsebenzi? |
| MAQHIKIZANE: | Isithuba sakho sikulindile ngoku ndithethayo. |
| SIPHOKAZI: | Kulungile *daddy* ndiyavuma. |
| MAQHIKIZANE: | **Khawuze ke sana lwam khe ndithi mathu-mathu.** |
| SIPHOKAZI: | Hayi kaloku *daddy.* Siya kuthini xa kungena umntu sisancamisana e-ofisini karhulumente? |
| MAQHIKIZANE: | Ndingurhulumente ngokwam maan. Kutheni ingathi akuyiqondi nje loo nto? |
| SIPHOKAZI: | Nokuba sowungurhulumente ngokwakho, kodwa abantu bona bayangena kule ofisi yakho. Beka indawo emasidibane kuyo wena qha emva komsebenzi. |
| MAQHIKIZANE: | Kulungile ke, masidibane ngentsimbi yesibini phaya ngasetshajofisi. |
| SIPHOKAZI: | Khawundiphe imali kaloku *daddy,* ndifuna ukuzithengela izinto zokunxiba ukuze ndingabi yinto yokuhlekisa emsebenzini ngomso. |
| MAQHIKIZANE: | Andinamali yoneleyo apha kum. Ndiza kukusayinela itsheki. Ufuna malini? |
| SIPHOKAZI: | Andazi kaloku *daddy*. Andinayo neyokuqala into yokunxiba. |
| MAQHIKIZANE: | Thatha ke nantsi itsheki yamawaka amabini eerandi. Ndifuna ukukubonisa ukuba ndandingaxoki xa ndandisithi imali asiyingxaki yam, ingxaki yam kukuba mandiyisebenzise njani na. |
| SIPHOKAZI: | Yiyhuu! Imali engaka *daddy*! Andazi ukuba ndingakubulela ngantoni na. |
| MAQHIKIZANE: | Ugqibile xa undibulela ngothando lwakho nkosazana. |
| SIPHOKAZI: | (*Asinge emnyango*) Usale kakuhle Mhlekazi. Undibulisele apho uya kulala khona namhlanje. Undibulisele apho ezintwaleni xa uqamele ngenqindi! |
| MAQHIKIZANE: | (*Aphakame amlandele.*) Uthini na Siphokazi? Yiz'apha! Ndingathi ndakugqiba ukukunika imali yam engaka uthethe into endingayivayo? (*Emnyango ee mandla ngoKheneli Sibane.)* |
| SIBANE: | NdinguKheneli Sibane, uMphathi wesiKhululo saMapolisa aseMtata, khawuphakamise izandla ndikusetshe. |

EcoleBooks

17.7 Nika iimpawu zedrama EZIMBINI ezifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

17.8 Xela intsingiselo evezwa ngamazwi kaMaqhikizane abhalwe ngqindilili. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


17.9 Phawula ngokulunga okanye ukungalungi kwesenzo sikaSiphokazi sokuququa ebuyelela e-ofisini kaMaqhikizane. (2)

17.10 Chaza isimo sentlalo esityhilwa kwesi sicatshulwa. (2)

17.11 Khankanya isiganeko esilandela emva kwale ngxoxo kaSiphokazi noMaqhikizane. (2)

17.12 Xela ukuba adiza luphi uvakalelo amazwi kaMaqhikizane akrwelelwe umgca gaphantsi. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**